



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

NOVEMBA 2009

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha ama-6.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

- 1.1 NguChief Superintendent Beauty Legoabe/NguBeauty Legoabe. ✓ (1)
- 1.2 Uyintloko yamaqela amathathu eJMPD: ✓ nguChief Superintendent ✓ (2)
- 1.3 Gauteng / eRawutini ✓ (1)
- 1.4 Impumelelo yeqela lakhe ekulweni ubundlobongela, abambe izihange, kufunyanwe nempahla ezo ✓ /Abarhanelwa abangonootekisi ababandakanyekayo kuhlaselo lwebhinqa elalinxibe ilokhwe emfutshane beziswa ngaphambili. ✓ (2)
- 1.5 EDobsonville/kwisikhululo seeteksi eNoord Street ✓ (1)
- 1.6 17 /Ilishumi elinesixhenxe ✓ (1)
- 1.7 1.7.1 D Ukubulisana ngokubambana ngezandla. ✓
1.7.2 C Ukuyiphelisa tu kwaphela ✓ (2)
- 1.8 1992 ✓ (1)
- 1.9 Amatyala odlwengulo/ukuqhekezwa kwezindlu/ubusela. ✓ (1)
- 1.10 1.10.1 South African Police Services ✓ (1)
1.10.2 Johannesburg Metro Police Department ✓ (1)
- 1.11 Uyixhasa/uyiseka/uyivuma/uyamkela ✓ (1)
- 1.12 Uliqhawe/uligorha/likhalipha ✓ (1)
- 1.13 Xa sinabantu abanje ngoBeauty kweli kukho ithemba lokuba sikhuselekile/ ubuyisa isidima samapolisa esesithande ukonakala ngenxa yezinto ezehlayo/ ukhuthaza thina ukuba sizinikele kwinto esiyenzayo/ungumzekelo omhle kum ndiziva ndinelunda ingakumbi ngamakhosikazi akulo msebenzi/lithandazwe ✓✓ (Izimvo zomfundi ezivakalayo ziya kwamkeleka.) (2)
- 1.14 Ukuncina abarhanelwa/ukuphatha indawo yophando ekusweleke kuyo abantu/wafumana noqeqesho olunzulu lomzimba. ✓✓ (2)
- 1.15 Kukufumana uncedo/inkxaso ✓ (1)
- 1.16 Usoloko ewabeke elisweni amapolisa aphantsi kwakhe ukuze awabone xa ephethwe luxinzelelo lwengqondo olubangelwa ngulo msebenzi. ✓✓ (2)

- 1.17 Abamba ababulali bakaLucky Dube. √√ (2)
- 1.18 Asebenzisa iilephtophu. √ (1)
- 1.19 Nathi siza kuba nazo ethubeni. √ (1)
- 1.20 Uthanda ukuthenga izihlangu neebhegi/uthanda ukupheka/uthanda abantu abathembekileyo. √ (1)
- 1.21 Yiyunifomu, yimpahla ayinxibileyo/nemoto yamapolisa √√ (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO

UMBUZO 2

- Ubude betekisi: Amagama ashwankathelwe ngama 50 – 60 amagama.
- Abafundi basebenzisa **ezabo izivakalisi**.
- Shwankathela **ngemihlathi okanye ngeengongoma**.
- Nika amanqaku ngezoo ngongoma zibhalwe **ngezivakalisi ezizeleyo**.
- Kunyanzelekile ukuba abafundi balibhale inani lamagama ngokuchanekileyo.

Nika amanqaku ngolu hlobo:

- 7 amanqaku ngeengongoma ezi-7.
- 3 amanqaku ngolwimi.

Izohlwayo:

- Kwizishwankathelo **ezide kakhulu funda kangangamagama amahlanu** ukudlula kubude obufunekayo **uze ungawuhoyi omnye umsebenzi lo**.
- Izishwankathelo ezifutshane kakhulu kodwa zinazo zonke iingongoma eziphambili, umfundi **makangohlwaywa**.

Iziphoso zolwimi (igrama, ukupela, iziphumlisi) thabatha kumanqaku olwimi ngolu hlobo:

- 0 – 4 iziphoso akukho sohlwayo.
- 5 – 10 iziphoso: thabatha 1 inqaku.
- 11 – 15 iziphoso thabatha 2 amanqaku.
- 16 nangaphezulu thabatha 3 amanqaku.

Xa ecaphula **izivakalisi ezipheleleyo** zinjalo mohlwaye ngolu hlobo kumanqaku ewonke eengongoma kunye nokusetyenziswa kolwimi:

- ❖ 1 – 3 izivakalisi ezipheleleyo ezicatshulweyo, akukho sohlwayo.
- ❖ 4 – 5 izivakalisi ezipheleleyo ezicatshulweyo, thabatha 1 inqaku.
- ❖ 6 – 7 izivakalisi ezipheleleyo ezicatshulweyo, thabatha 2 amanqaku.

Thabatha inqaku elinye (1) kumanqaku ewonke anikiweyo eengongoma nokusetyenziswa kolwimi ngokungabonisi amagama abhaliweyo okanye ubale wabhala inani elingelilo.

QAPHELA:

Izifinyezi mazingasetyenziswa kushwankathelo, kodwa xa zithe zasetyenziswa, mazibalwe njengenani lamagama ezime endaweni zawo.

UMzantsi Afrika unezinga lolwaphulo-mthetho oluphakamileyo. Abasemagunyeni bacebisa ukuba ulwaphulo-mthetho lwalo naluphi na uhlobo maluchazwe emapoliseni ngokukhawuleza. Nabathengi bayalunyukiswa nangeendlela ezahlukeneyo zophango ezifana namashishini anobuqhetseba nezizalwane ezingathembakelanga. Ezinye zeendlela ezinokunceda ukuphungula ulwaphulo-mthetho ezinjengokunganikezeli ngesazisi sakho nakubani na okanye ukubeka ubomi bakho esichengeni ngokuhamba wedwa zixeliwe. Qaphelisisa phambi kokusebenzisa umatshini wemali. Lilonke, ngentsebenziswano phakathi kwabemi nabasemagunyeni okulwa nolwaphulo-mthetho, izinga lobundlobongela lingehla kakhulu.

OKANYE

Isishwankathelo ngokwamanqaku.

- UMzantsi Afrika unezinga lolwaphulo-mthetho oluphakamileyo.
- Abasemagunyeni bacebisa ukuba ulwaphulo-mthetho lwalo naluphi na uhlobo maluchazwe emapoliseni ngokukhawuleza.
- Nabathengi bayalunyukiswa nangeendlela ezahlukeneyo zophango ezifana namashishini anobuqhetseba nezizalwane ezingathembakelanga.
- Musa ukunikezela ngesazisi sakho nakubani na.
- Qaphelisisa phambi kokusebenzisa umatshini wemali.
- Musa ukubeka ubomi bakho esichengeni ngokuhamba wedwa.
- Ngentsebenziswano phakathi kwabemi nabasemagunyeni okulwa nolwaphulo-mthetho, izinga lobundlobongela lingehla.

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI

UMBUZO 3

- 3.1 Uyacenga / uyacela ✓ (1)
- 3.2 Ndiza kukuvisa ubuhlungu/ndiza kumbetha ✓ (1)
- 3.3 Isivakalisi sisaqhubeka / isivakalisi asiphelanga/isivakalisi asigqitywanga ✓ (1)
- 3.4 Kulungile, ndiza kunceda abafundi bematriki xa bezilungiselela ukubhala iimviwo zabo zokuphela konyaka. ✓✓ (2)
- 3.5 Isichazi: Entle, ✓ uddi: isiphawuli ✓ (2)
- 3.6 Ndazama ukudada akwanceda nto ndasuka ndatshona elwandle./Ndathi ndisaqala ukubolekisa ngemali ndatshona ngoba abantu ababhatali. (Nayiphina impendulo elungileyo iya kwamkeleka.) ✓✓ (2)

- 3.7 Ukuba ✓ (1)
- 3.8 Isikhuzo ✓ (1)
- 3.9 C Sisibanjalo ✓ (1)
[12]

UMBUZO 4

- 4.1 4.1.1 Isixando sokwenziwa ✓ (1)
- 4.1 4.1.2 Isixando sokwenzeka ✓ (1)
- 4.2 Intombazana iyavuya. ✓ (1)
- 4.3 4.3.1 Isikolo saseZinunu asidumanga ngokufundisa kakhulu. ✓ (1)
- 4.3 4.3.2 B / Luphawu lombuzo. ✓ (1)
- 4.3 4.3.3 Isikolo esikhuphe inkokheli eyaziwayo. ✓✓ (2)
[7]

UMBUZO 5

- 5.1 5.1.1 Yirediyo/wayalesi ✓ (1)
- 5.1 5.1.2 Thelevishini/TV/ithivi ✓ (1)
- 5.2 UNtsika uthe uwuthanda ngokungazenzisiyo uMzantsi Afrika kuba ulilizwe elamkela wonke umntu ungakhethe mvelaphi, lwimi, bala nankcubeko yakhe. ✓✓ (2)
- 5.3 C/ Ingcinga enye nebetheleleke engqondweni ngento ethile. ✓ (1)
- 5.4 UMzantsi Afrika uza kuba nethamsanqa lokufikelwa ngamazwe ngamazwe ngo-2010. ✓✓ (2)
[7]

UMBUZO 6

- 6.1 Cebisa ulutsha olungamakhoba eziyobisi. ✓✓ (2)
- 6.2 Tshomi yam/Mhlobo wam ✓ ndiya kumema ukuba uze ✓ konwaba nam xa ndibhiyozela umhla wokuzalwa kwam kule veki izayo ngolwesiHlanu. ✓ Ndifuna ubone ngawakho amehlo ukuba uLoyiso ✓ iqabane lam mhle. ✓ (5)
[7]

UMBUZO 7

- | | | | |
|-----|-------|---|-----|
| 7.1 | 7.1.1 | Ngumboko wayo. ✓ | (1) |
| | 7.1.2 | Nesele ✓ | (1) |
| | 7.1.3 | Ibhekile ✓ | (1) |
| 7.2 | 7.2.1 | Kwakusasa isihlomelo sexesha/edolophini isihlomelo sendawo. ✓ ✓ | (2) |
| | 7.2.2 | Yena ✓ usetyenziswe emva kwesibizo/uyasilandela isibizo ✓ | (2) |
- [7]**

AMANQAKU ECANDELO C: 40

AMANQAKU EWONKE: 80